Isalathiso: 20201102-9221
Inombolo yefayili: 12/2/8/12
12/2/8/16
12/2/8/40
Imibuzo: LB Shasha
IM Swartz

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali: 0005/2020

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela-Balawuli beeNkonzo zeZiko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu, kwiiNtsumpa zeeHostele, nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwiihostele (zingafakwanga iikholeji zezemfundo)

Isihloko: Ukungeniswa kweefom zokwenza izicelo zeenkxaso-mali zokubhoda ehostele ukulungiselela u-2021 ungadlulanga owe-30 Novemba 2020

1. Izicelo zeenkxaso-mali zokubhoda ehostele zabafundi, zokubhoda kwindawo yabucala okanye ezothutho lwabucala bezingangeniswa kwangethuba kwixesha elidlulileyo ngokwemithetho esebenzayo (*legislation*), yaye oko kwaye kwakhokelela kulibaziseko lweentlawulo ngoomatshini endaweni yeenkxaso-mali.

2. Kucelwa iinqununu ziqinisekise ukuba bayaziswa bonke abafundi ngenkqubo yokwenziwa kwezicelo zenkxaso-mali, ukunceda abafundi ngenkqubo yokufakwa kwezicelo kwanokuqinisekisa ukuzaliswa ngokufanelekileyo nangokuchanekileyo kweefom zokwenza izicelo zenkxaso-mali ngokungqinelana neSetyhula 0143/1998, yowe-06 Novemba 1998 (kucelwa ukuba kujongwe isiHlomelo A).

3. Zonke izicelo ezizalisiweyo zango-2021, kunye namaxwebhu axhasayo ayimfuneko, mazivunywe yinqununu yaye kunikwe ingcebiso ngazo ngumphathi wesekethe, ukuba zonke iimfuneko ezingummiselo zifezekisiwe.

4. Izicelo ezizalisiweyo zango-2021 namaxwebhu axhasayo ekucetyisiweyo ngawo ngumphathi wesekethe mazifike kwiCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali ungadlulanga owe-**30 Novemba 2020** ukwenzela ukuvunywa kwazo.

5. Iintlawulo ezenziwa kwangaphambili (*advance*) eziya kwiihostele ingadlulanga iveki yokuqala yekota ziya kufikelela ku-80% kuphela wesixa senkxaso-mali abafundi abafanele ukusifumana, ngokusekelwe kwizicelo ezizalisiweyo (ezifunyenwe kwangethuba) ngokunxulumene nonyaka wesikolo ka-2021 nezavavanyelwa ukujonga ubungakanani beentswelo (*means test*) ngokungqinelana neNgcaciso eMfutshane yeCandelo loCwangciso loLawulo nokuPhathwa kwamaZiko: 0001/2018, yowe-09 Matshi 2018 (kucelwa ukuba kujongwe isiHlomelo B).

6. Izicelo ezizaliswe ngokungaphelelanga kunye/okanye izicelo ezinamaxwebhu axhasayo ezingaphelelanga azisayi kuqwalaselwa yaye ziya kubuyiselwa kwisithili okanye esikolweni esichaphazelekayo kunye nenkcazelo yezo ziphene. ICandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali likhuthaza iinqununu nabaphathi beesekethe ukuba bangayenzi into yokungenisa izicelo ezizaliswe ngokungaphelelanga kunye/okanye izicelo ezinamaxwebhu axhasayo aneenkcukacha ezingaphelelanga njengoko oku kuya kukhokelela ekubeni zingahlawulwa iintlawulo zenkxaso-mali.

7. Kucelwa nazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2020-11-11